INTERNATIONAL BACCALAUREATE
BACCALAURÉAT INTERNATIONAL
BACHILLERATO INTERNACIONAL



**XHOSA A1 – STANDARD LEVEL – PAPER 1**
**XHOSA A1 – NIVEAU MOYEN – ÉPREUVE 1**
**XHOSA A1 – NIVEL MEDIO – PRUEBA 1**

Thursday 16 November 2000 (afternoon)
Jeudi 16 novembre 2000 (après-midi)
Jueves 16 de noviembre del 2000 (tarde)

3 hours / 3 heures / 3 horas

---

INSTRUCTIONS TO CANDIDATES

- Do not open this examination paper until instructed to do so.
- Section A: Write a commentary on one passage. Include in your commentary answers to all the questions set.
- Section B: Answer one essay question. Refer mainly to works studied in Part 3 (Groups of Works); references to other works are permissible but must not form the main body of your answer.

INSTRUCTIONS DESTINÉES AUX CANDIDATS

- Ne pas ouvrir cette épreuve avant d'y être autorisé.
- Section A : Écrire un commentaire sur un passage. Votre commentaire doit traiter toutes les questions posées.
- Section B : Traiter un sujet de composition. Se référer principalement aux œuvres étudiées dans la troisième partie (Groupes d'œuvres) ; les références à d'autres œuvres sont permises mais ne doivent pas constituer l'essentiel de la réponse.

INSTRUCCIONES PARA LOS ALUMNOS

- No abra esta prueba hasta que se lo autoricen.
- Sección A: Escriba un comentario sobre uno de los fragmentos. Debe incluir en su comentario respuestas a todas las preguntas de orientación.
- Sección B: Elija un tema de redacción. Su respuesta debe centrarse principalmente en las obras estudiadas para la Parte 3 (Grupos de obras); se permiten referencias a otras obras siempre que no formen la parte principal de la respuesta.

## ICANDELO A

*Khetha isicatshulwa sibe siNYE kwezi zilandelayo, uphendule imibuzwana ehamba naso:*

**1.** (a)

Enyanisweni ngaphambili lo mfana wakwaMsonto wayemthanda ngokungazenzisiyo uNelisa, eneqhayiya neenjongo ezisemajukujukwini ngaye. Yiyo loo nto wagqiba kwelokuba makamtshate, waza ke wamthembisa njengoko sekuvakele. Kodwa ke ekuhambeni kwexesha wasuka wahlangana nenye inzwakazi, le inguNandi Khumalo. Kusakuba njalo waqonda zisuka umfan’omdala ukuba uNandi mhle kwaye uthandeka ngaphezu koNelisa, waza ke wamazisa ukuba uyamthanda, wamcela, wamcenga ukuba babe moya-mnye, waza ke wavuma uNandi ekugqibeleni.

Emva koko uMbodla wasuka waneentloni ukumchazela uNelisa ukuba akasatshayi ngaloo nqawa. Waman’ukuphatha eyeka wada wagqiba kwelokuba emke ngamathunzi eMamelodi, afudukele apho eSoshanguve, waza watshata nelo gqiyazana linguNandi.

“He Nelly, ngenye imini yakudala wasichazela ngamabhongo namatshamba usithi uza kutshata noMbodla, senenze namalungiselelo okuqala ubomi obutsha obuza kuba phantsi kwezibhambathiso zomtshato. Ngenxa yaloo ngxelo savuyisana nawe ngehlombe nangemihlali, sininqwenelela ulonwabo kwizicwangciso zobomi benu. Ngoku wena xa sezijikile izinto akusasibaliseli ukuba ushiyiwe. He wethu, Nelly, khawundixelele: Kutheni le nto ungasatsho nje ukuba kwathi kanti uMbodla ukubambisa isila sehobe?” Kwatsho uNomthandazo, intokazi eyayingumhlobo kaNelisa, ibhekisa kuye ngenkqu ngaminazana ithile phaya eGarankuwa.

“Awu! Nomthandazo, undibhudela usithini na wena?” Khawuphum’ egusheni ukuze ndiwuve kakuhle umxholo nentsingiselo yale nto uyithethayo. Ufuna ukuthini kum apha, ntokazi?”

“Kutheni wethu ungasasibaliseli nje ukuba uMbodla utshate nenye intokazi, wakushiy’enyanyeni wena?”

“Uyithatha phi le nto uyithethayo, Nomthandazo?”

“Jonga, Nelly, nali iphephandaba, nangu umfanekiso kaMbodla nomtshakazi wakhe. Bobabini bafotwa ngaminazana ithile mhla babezimanya ngeqhina lomtshato omhlophe,” wathetha watsho uNomthandazo ethe qhiwu iphephandaba elinomfanekiso kaMbodla etshata noNandi, bobabini beqhakaza ngoncumo kumtshato wabo omhlophe. Kwakubonakala ukuba uMbodla noNandi bafotwa emtshatweni wabo. Apho emfanekisweni kwakukho nenyambalala yabantu ababetyebis’ amehlo ngolonwabo olukhulu ngalo mtshato welo nenekazi nenene lalo.

UNelisa ekuqaleni wayengazange amthembe uNomthandazo ukuba uthetha into yokwenyani xa wayemxelela ukuba uMbodla utshate nenye intokazi. Enyanisweni wayecinga ukuba uyaqhula. Kodwa ke wathi esakubona loo mfanekiso wephephandaba wasuka waziphosa phantsi phezu koqaqaqa, wazimbolambola ekhal’ ezimathonts’ abanzi ngenxa yokudana, intliziyo yakhe isebuhlungwini. Hayi ke ngoku, yaba yenye inkathazo le iqhubekayo kwaye uNomthandazo akazange ayilindele. Kwangoko ke wenza amatilelile okubuyisela uNelisa ezingqondweni zakhe zesiqhelo wada waqabuka.

“Inene nasi isibhozo. Ndiza kulifumana kuthi ngco elaa qili lakwaMsonto linguMbodla elandithembisa ngomtshato kanti lidlala ngam,” watsho uNelisa efunga ephinda-phinda,

kunjalonje engaqhuli, enengqumbo engathethekiyo. Tyhini! Kanti uMbodla wayemxokisa xa wayesithi uza kumtshata! Yasuka ingqondo kaNelisa yathatha ibeka. “Kwowu! Izinto ezibuhlungu azipheli kulo mhlaba umagade ahlabayo, ntombindini yakwaMofokeng. Ndikhumbula indlela obuzimisele ngayo ngalo mfana okuphoxe kangaka. Ndikhumbula nendlela uSiphiwo awayekufuna ngayo ukutshata nawe, Nelly, wasuka wena wamkhaba ngawo omane wantinga emoyeni wacand’isibhakabhaka waya kuwa mbokro eLatakisa. Wawumbhebhetha nje uSiphiwo kungenxa yokuba wawuthanda uMbodla, uneqhayiya ngaye kwaye ugcine isithembiso sakhe. Kanti lona elaa nginingini linguMbodla lithi lala gusha ndikuchebe, alizi kusizalisekisa isithembiso salo. Inene amadoda ngamaxoki ukuba kuphelel’apha. Adlala ngathi kuba thina sidalwe sabuthathaka. Ewe, amadoda adlala ngathi kuba wona enezigalo zesinyithi, athembele ngamandla awo. Kowu! Kubuhlungu ukuba sisidalwa kakubi kwamabhinqa kuba eli hlabathi lixhinele ukusenza iintlekisa nezibhanxa zalo. “Thula wena, Nelisa. Sel’amanzi uxole kuba asingoMbodla kuphela umfana olisoka kwelo lizwe. Ngako oko ke nceda ubambelele ethembeni, kobe kulunge ngenye imini. Kaloku umfazi uzele waphul’ uluthi phezu kwalo mhlaba. Sul’ ezo nyembezi,” uNomthandazo wamthuthuzela ngaloo mazwi ugxa wakhe owayefixiza, enzinyelwe kukuxola ngenxa yokudandatheka kwentliziyo yakhe.

L. S. Ngcangata “Abarhwaphilizi” *Bunjalo Ubomi* (1993)

– Xoxa ngeyona miba ibalulekileyo kwesi sicatshulwa, ucacise nendlela umbhali akhangeleka ecinga ngayo ngaloo miba.

– Khawuqwalasele uchaze ngemvano ephakathi koNomthandazo noNelisa, uyibonise ukuba ibaluleke kangakanani na kweli bali lilonke.

– Zithini ingcinga zabantu ngoMbodla? Zibonakaliswe njani ezo ngcinga kwesi sicatshulwa?

– Zeziphi iimvakalelo ezivuselelwa yingxoxo kwesi sicatshulwa? Ingxoxo idulisa umoya onjani?

**1.** (b)

**Izwe Liyashukuma**

Zixelen’ezi ndaba kwizibonda neenkosi,
Zixeleni kwiingwebedla neenganga,
Bikani kumazwe ezikumkani neentlanga;
Yitshoni kwabadala nabancinane
Nakwabamsobo namvubo,
Nakubo bonke ndithi ---
Izwe liyashukuma!

Bikan’ezi ndaba
EBhotwe kwaZwelibanzi
Xelelani abaseNyasa naseNtshona eseMntla.
Liyashukum’izwe, sapho lukaZweliyazuza
Liyashukum’ilizwe, zinkosi namaphakathi
Inkulu nale nto iligungqisayo
Lishukuma ngent’aph’erhulubayo.

Koze kube gazi, kube mswane
Koda konakale,lindani mafa-namzi!
Soda senzakale zibiken’ezi ndaba.
Izwe liyagungqa, izwe liyashukuma!
Ziyavuthuz’izizwe neentlanga
Amehl’anengozi, ingqondo ziquth’ukufa,
Zijamelene izizwe lusabile uxolo.

Ziyavungamelan’iintlanga,
Inyaniso igqwethiwe;
Ziyagragramelana zonke
Ngengxoviyakazi yengxoboshishi
Zixulub’uxolo, zixoz’ubanxanxa
Nazo eMntla naseMatshona!
Zivutha ngolakakazi olunentsongelokazi.

Umi ngazo zoshumi uLusifere,
Uthimbe inyaniso, wazixakathis’ubujibilili,
Uth’ubulungisa lihamte,
Yinqaba yengqondo ubungqwangangqwili.
Ubethe kumahlelo neendidi
Bee khumbaca
Bezindwane abahlekazi

Wathimba ngempandla nelunda kuzo iiNganga,
Zaphuk'amanqundwane iinqwelo zoxolo,
Zafun'igazi iintonga zomsa nemfesane
Zasaba mpela iinkwenkwezi zobulungisa,
Zeela kwaNqandangophondo
Kufuphi neTabalahwahwa
Xoka ke!  Wokh'ubol'iintsula, mgewundini!
Uyeza uNqaba
Igosa loBulungisa noThando.

M. E. M. Nyoka *Uhadi* (1962)

– Chaza ukuze uxoxe ngeyona miba iphambili ixukushwa kulo mbongo?

– Khawuxoxe ubonise ubuchule bokukhethwa nokusetyenziswa kwamagama nemifanekiso-ngqondweni xa kuphuhliswa intsingiselo yalo mbongo.

– Khawuxoxe uphicothe indlela elusetyenziswe ngayo uchasaniso kulo mbongo.

– Ungathi le mbongi icinga njani ngale meko ibonga ngayo?  Uyibona njani loo nto?

## ICANDELO B

*Bhala impendulo esisincoko ibe* ***nye****, ukhetha kwezi ngongoma zilandelayo. Impendulo yakho mayibhekiselele kwiincwadi ezimbini phantsi kwesigaba 3. Uvumelekile ukuba uchaphazele nakwezinye iincwadi, kodwa ezo zingenzi undoqo wempendulo yakho.*

**2.** Khawucacise okanye ubonise izimvo zakho ngeenkumbulo okanye iminqweno yekamva njengoko iphuhliswe kwezi ncwadi uzifundileyo.

**3.** Chaza indima edlalwa ngabalinganiswa abangabaphembi bempixano kwiincwadi ozifundileyo Ibaluleke ngantoni indima yabo apha ebalini, ekuqhubeleni phambili impixano nasekuphuhliseni uluvo lombhali?

**4.** Tyatyadula ngendima yempixano kwiincwadi ozifundileyo, uzekelise.

**5.** Abanye ababhali bazibona ‘bengabefundisi-ntsapho’ ukuze babone iincwadi zabo ‘izizifundo’ esizweni siphela. Bonisa ukuba ezi ncwadi uzifundileyo ‘zizifundo’ njani na.

**6.** Khetha ababhali ababini kwiincwadi ozifundileyo uthelekise indlela abasaneke ngayo isimo sentlalo nomoya webali.